



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.



IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-80
ICANDELO B:	Imizuzu engama-40
ICANDELO C:	Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: ISINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Kwathi kanti ndiyakwazi ukuthetha phambi kwabantu [50]
- 1.2 Eyona ndawo inomtsalane eMzantsi Afrika [50]
- 1.3 Impilo iyatshintshatshintsha! [50]
- 1.4 Ukulunga nokungalungi kokusetyenziswa kweselfowuni ngabafundi esikolweni. [50]
- 1.5 Ukuzilolonga kuko okuluncedo ekukhuseleni izifo [50]

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6, 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Uthatyathwe ku-www.pinterest.com]

[50]



1.7



[Uthatyathwe ku-www.istock.com]

[50]

1.8



[Uthatyathwe ku-www.chagpt.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50



ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umcele ukuba aze kuchitha iiholide zehlobo kowenu.

[30]

2.2 ILETA ESESIKWENI

Ungunobhala weqela lezemidlalo yolutsha kwingingqi yakho. Bhala ileta eya kumanejala kamasipala ukhalazele amabala angekho mgangathweni.

[30]

2.3 I-OBHITSHWARI

Bhala i-obhitshwari ngemvumi oyaziyo.

[30]

2.4 UDLIWANONDLIBE

Unenjongo yokufundela ukufumana isiqinisekiso sokuqhuba. Bhala udliwanondlebe oza kuluqhuba nomntu ofundisa ukuqhuba, malunga nenkqubo yokuqalisa izifundo zokuqhuba.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30



ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Ulilungu lekomiti eliququzelela umsitho wokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga le-12 esikolweni sakho.

Bhalela abazali babafundi abakwibanga le-12 ikhadi lesimemo salo msitho. [20]

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezintlanu ngamalungiselelo aphambi kokuba uqale umsebenzi wethutyana (*Internship*). [20]

3.3 IMIYALELO

Ubuyinkokeli yabafundi esikolweni sakho. Bhala imiyalelo oza kuyinika inkokeli entsha engena endaweni yakho malunga nokuziphatha xa uyinkokeli. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100



